



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBA 2017**

**ISIXHOZA ULWIMI LOKUQALA  
OLONGEZELELWEYO P2**

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: 2 iiyure**



\* X H O F A 2 \*

Olu viwo lunamaphepha angama-35.

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwisiquulatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe umbuzo ofuna ukuwuphendula.
3. Eli phepha linama CANDELO amaNE:  
ICANDELO A: Inoveli (35)  
ICANDELO B: Idrama (35)  
ICANDELO C: Amabali amafutshane (35)  
ICANDELO D: Imibongo (35)
4. Landela imiyalelo ngononophelo ekuqaleni kwecandelo ngalinye.
5. Phendula IMIBUZO emiBINI iyonke: umbuzo NGAMNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI .

ICANDELO A: INOVELI

Phendula umbuzo kwincwadi yenoveli oyifundileyo.

ICANDELO B: IDRAMA

Phendula umbuzo kwincwadi yedrama oyifundileyo.

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

ICANDELO D: IMIBONGO

Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBini.

6. Uluhlu lokukhangela lakukunceda.
7. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
8. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
9. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.
10. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.

## IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

### ICANDELO A: INOVELI

Phendula umbuzo ube mnye kwinoveli oyifundisiwego kweli CANDELO.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1.	<i>Kusa kusihlwa</i>	Umbuzo omfutshane	35	5
<b>OKANYE</b>				
2.	<i>Umqol'uphandle</i>	Umbuzo omfutshane	35	9
<b>OKANYE</b>				
3.	<i>Umonwabisi</i>	Umbuzo omfutshane	35	13

### OKANYE

### ICANDELO B: IDRAMA

Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.

4.	<i>Ndiyekeni</i>	Umbuzo omfutshane	35	17
<b>OKANYE</b>				
5.	<i>Inzala yamarhamba</i>	Umbuzo omfutshane	35	21

### OKANYE

### ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE: Ndakuyicel'ivuthiwe

Phendula yomiBINI imibuzo kweli Candelo.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
6.1	<i>Ikhikhizela laseDangwana</i>	Umbuzo omfutshane	18	25
6.2	<i>Itutu laseTikitiki</i>	Umbuzo omfutshane	17	29

### OKANYE

### ICANDELO D: IMIBONGO: Vukani Madoda

Phendula imibuzo yomiBINI kweli Candelo.

7.1	Funzela enzulwini	Umbuzo omfutshane	17	29
7.2	Inkonjane	Umbuzo omfutshane	18	31
<b>OKANYE</b>				
8.1	Intambanane	Umbuzo omfutshane	18	33
8.2	Indoda Yokwenene	Umbuzo omfutshane	17	35

## ULUHLU LOKUKHANGELA

Kunyanzelekile ukuba ujongsise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	PHAWULA (✓)
A INovelis (Kusa Kusihlwa) (Umonwabis)	1-3	1	
<b>OKANYE</b>			
B Idrama (Ndiyekeni) (Inzala yamarhamba)	4-5	1	
<b>OKANYE</b>			
C Amabali amafutshane (Imibuzo emifutshane yomibini)	6	1	
<b>OKANYE</b>			
D IMIBONGO (Funzela enzulwini') (Inkonjane) (Intambanane) (Indoda Yokwenene)	7-8	1	

**QAPHELA:** Qiniseka ukuba uphendule imibuzo kuma Cadelo ama BINI kuphela.

**ICANDELO A: INOVELI**

**Khetha inoveli ibe NYE kweli candelo**

**1.KUSA KUSIHLWA – K.S. BONGELA**

**2.UMQOL'UPHANDLE- P.M. NGANI**

**3.UMONWABISI: ZAMA A. JAPHTA**

**UMBUZO 1 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**KUSA KUSIHLWA – K.S. BONGELA**

**ISICATSHULWA A**

1.1 Funda ngocoselelo esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Ayimthathanga nyanga zingaphi phambi kokuba afumane umsebenzi we-Inshorensi apho ebekwala umvuzo oxhomekeke ekusebenzeni kwakhe. Noko lo ubungcono kuba ebelifumana ithuba lokuphumla ngakumbi ngeempela-veki.

Inkosikazi yona naxa ibithule kuqala ibingayithandi into yokuba umyen'i wayo asebenze lo msebenzi wakhe kuba ubuyijikelezisa indoda yenze ukuba ingabonakali ivenki yonke ibuye mhlawumbi ngeempela-veki. Naxa bekunjalo noko imeko yenze ukuba ingajambalazi ngenxa yezizizathu zempilo. Phi na ke abafazi beholwa bengakholwa nje.

Ngeli xesha kwenzeka ezi zinto uMpumelelo ebekwulile kanye efunda kwiSekondari yaseLamontville ekwalapha eThekwini. Ngenxa yokuba ebengekude kuyaphi, wayehlala kwalapha ekhaya koko emana ukuya esikolweni ngebhayisekile. Umfo omkhulu wayephangela enomdla kule venkile kayise. Ngeempela-veki wayephangela eqhuba neveni kayise kwalapha elokishini kuba wayengekabi nakuya edolophini ngenxa yokuba engenaso isiqinisekiso esizeleyo sokuqhube. Wayethanda ukucebisana nonina ngeento ezithile apha evenkileni.

“He mama akuqondi ukuba ingakhanjeleka kakuhle ivenkile ukuba inokufunelwa umntu oyincutshe kwezokuhombisa akhe ayijike ikhangeleke olunye uhlobo?” Wabuza unkabi ngenye imini.

“Ewe, Mpumi ingantle mntwan’am, kodwa inkathazo kukuba le nto kufuneka kuqala siyithethe notata. Kaloku angasibulala ukuba sinokwenza into ngaphandle kwakhe”.

- |       |  |     |
|-------|--|-----|
| 1.1.1 | Nika igama lomntu ekuthiwa wafumana umsebenzi.                                   | (1) |
| 1.1.2 | Ngumsebenzi onjani umsebenzi we-inshorensi?                                      | (1) |
| 1.1.3 | Yayingubani isiduko senkosikazi yalo mntu umchaze kuMbuzo 1.1.1?                 | (1) |
| 1.1.4 | Ingaba esi sicatshulwa singentla sikweliphi inqanaba lencwadi?                   | (1) |
| 1.1.5 | Chaza unobangela wokuba umyen'i kaNomakhwezi ayeke ukuphangela evenkileni yakhe. | (2) |

- 1.1.6 UNomakhwezi wayemhloniphile umyeni wakhe: Ewe okanye Hayi? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.1.7 Ibenefuthe elinjani indima edlalwe nguNomakhwezi apha ebalini? (2)
- 1.1.8 Nika iqhalo elifanelekileyo endaweni yesi sivakalisi singezantsi. “Kwathi kwakungabikho umyeni kaNomakhwezi yakhawuleza yacaca indawo yakhe” (2)
- 1.1.9 Ngokulazi kwakho ibali, ingaba uMpumelelo wancedakala yingqequesho yabazali bakhe? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 1.1.10 Ngaphandle kokuthengisela, ivenkile ifanele ukuba ibe luncedo olunjani eluntwini ? (2)
- 1.1.11 “UNomakhwezi wadlana indlebe nomyeni wakhe xa babenengxaki yokugula komyenzi wakhe”.  
(a) Nika isafobe esifumaneka kwesi sivakalisi singentla (1)  
(b) Kukuthini ukudlana indlebe? (1)

[18]

## ISICATSHULWA B

1.2 Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Njengoko kwabakho utsotsi ofayo ngomhla wokutshiswa kwevenkile, izizalwana zakhe nezihlobo zakhe zabonakalisa ukungayithandi mpela into yokufela komntwana wabo emsebenzini womnye umntu. Loo nto yabanga ingqumbo nenzondo embi ngakuNozililo oyena mntu wayewahambela la makhwenkwe ngobusuku ewathenga. Izinto zanxunguphala ngakumbi akulikhanyela ityala, aze aphume geqe.

Izinto zedolophu azigqitywa olo hlobo aze acinge ukuba umntu uza kusinda. Ngabusuku buthile ezinzulwini, kwabonwa ngomzi kaNtongana usitsha. Uwelewele wengxokozelo owavakalayo wavusa abantu abaninzi abathi beza kuncedisa ekucimeni umlilo. Ngenxa yamadangatya awayelapho kwaba nzima ukusindisa nempunde le. Athi akuthotha amalahle namadangatye abantu bakhangela iingxwelerha. Bothuswa kukubona izidumbu zabantu ababini, indoda nomfazi, sebatshayo.

Akuzange kufumanekе mkhondo wabenzi senzo naxa yena uMalungisa, unyana wabo, waba nesikrokro. Asazi ke nokuba abenzi senzo babesaziwa na yilokishi ngokubanzi. Kodwa njengesiqhelo amapolisa aphanda akafumana mkhondo ubambekayo. Babakhona abantu abavalelwayo ngexesha ekwakuphandwa, kodwa babuya bakhululwa ngenxa yokungabikho bungqina buzeleyo. Laba liyaduka njalo ityala likaNozililo noNtongana, lashiya umzila ombi ezintliziyweni zabo babaziyo nababezibukele ezi zigigaba zabo.

- 1.2.1 Ingaba yivenkile kabani le yayiza kutshiswa? (1)
- 1.2.2 Yayikweyiphi indawo le venkile yayiza kutshiswa? (1)
- 1.2.3 Nika igama lomntu owayetyholwa ngokuzama ukutshisa ivenkile kaMpumelelo. (1)
- 1.2.4 Ingaba umlilo umele ntoni ebalini? (2)
- 1.2.5 Umqolo okrwelelwe umgca ngaphantsi uveza esiphi isimo ngoNozililo? (2)
- 1.2.6 UNozililo ungunozala wempixano ethe yaqhube ka apha encwadini. Ngqina le ngcamango ngokuxhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.7 Kusisigqebelo njani ukusweleka kukaNozililo nomyeni wakhe ngomlilo. (2)
- 1.2.8 Ingaba isihloko sale ncwadi sinxulumana njani nesiphelo sikaNozililo? (2)

- 1.2.9 Uphumelele njani umbhali ukusithiyela umyeni kaNozililo igama elinguNtongana? (2)
- 1.2.10 Ingaba umxholo wale ncwadi uyayiphuhlisa na injongo yombhali yokusibhalela eli bali? (2)  
[17]

**AMANQAKU ECANDELO EWONKE:** 35

**OKANYE**

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### UMQOL'UPHANDLE- P.M. Ngani

#### ISICATSHULWA A

2.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ULiziwe Mehlo wayeyintyatyambo yaloo ofisi. Emsebenzini wayequkeza ngomzimba odlamkileyo, etshawuza ngamehlo aqaqambileyo. Ngokwendlela awayecikizwe ngayo, wayengumfuziselo wengelosi. Mbone ke wena ekhutshukhutshuza, echwechhwachwechwa ukusuka kwitafile yakhe esiya kwayenkosy yakhe enguHlobo. Iofisi leyo yayimagunjana mabini, imelene neyona inkulu yamapolisa akwaLoyithi.

Yayiyintsasa emnandi yehlobo, enye yezo mini zimbalwa zobusika zithi zikhumbuze ezimyoli zehlobo. Nangona imini yayingqina, yena okaHlobo wayengaziva kuchulumanca. Umzimba wawungangqinelani mpela nemini leyo. Wayehleli vuxaxa phezu kwesitulo, esisibingibingi. Ubuso wayebugqume ngephepha-ndaba laloo mini. Wayengasalifundi koko egxwalise nje amehlo phezu kwalo.

Iofisi le yayimi kwindawo ebundulana, izivelele kakuhle ilokishi ezazisemazantsi. Unge uyalithoba phezu kwamehlo iphepha aweyejamelene nalo okaHlobo. Ngefestyle eyayiphambi kwakhe, uyibone kakuhle ilokishi yakwaTsolo, ithe natya yada yaya kunqandwa ngumfula weNgcabanga. Uthe ebесoloko engemhle kakade, wavuselelwa ngakumbi ngumbono owawuphambi kwamehlo akhe: inkoliso yezindlu yayingamabobosi afanyawulwe ngamacangci agqole ade anomhlwa, engqoqo yimbala yepeyinti, naloo peyinti seyixwebile. Kwakungekho zindlu nto aphi. Koko kukekela kwazo, zazixhaswe ngamaplanga aselebolile nawo ngokwawo. Umfo kaHlobo wayibukela engenambla imibhodamo eyayisenziwa ngabantu, ziinqwelo zeemoto neebhasi eziqhutywa ngaphandle kwenyameko.

- 2.1.1 UHlobo wayephangelia kweliphi icandelo kwezobupolisa? (1)
- 2.1.2 ULiziwe Mehlo yena wawuyintoni umsebenzi wakhe? (1)
- 2.1.3 Leliphi ixesha lonyaka ekuthethwa ngalo kwisicatshulwa? (1)
- 2.1.4 Chonga igama elikwekwa ubuhle bukaLiziwe Mehlo. (1)
- 2.1.5 Indlela umbhali amchaze ngayo uLiziwe ibonisa oluphi udidi lokuzoba: (**Uzobo Ngqo okanye uzobo Mayana**)? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.1.6 Ingaba ifani kaLiziwe inxulumene njani nomsebenzi wakhe? (2)
- 2.1.7 Intsebenziswano phakathi kukaHlobo noLiziwe ikhokhelele entwenini aphi encwadini? (2)
- 2.1.8 Izindlu zamacangci zakwaTsolo zingumqondiso wantoni aphi ebalini? (1)

- 2.1.9 Isimo sentlalo selokishi yakwaTsolo sibe nefuthe elinjani apha ebalini? (2)
- 2.1.10 Yintoni eyayibanga ukuba uHlobo athande ukurhabula qho xa elandela umkhondo wento? (2)
- 2.1.11 Umsebenzi wobupolisa ungomnye wemisebenzi ebalulekileyo ebantwini. Ewe Okanye Hayi. Nika isizathu sempendulo yakho? (2)
- 2.1.12 Esi sicatshulwa singentla sikweliphi inqanaba lencwadi? (1)

[18]

## ISICATSHULWA B

### 2.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

“Kodwa ke kuyo yonke le nto aningekholwa xa ndisithi zonke ezi zihlobo zikaEddie namhlanje zibekwa ityala lokubulala uEddie Maga lowo kunye noLulama Zuma.”

Kuqale kwatsho isikhalo sikaThembisa, engenelela amadoda amphahlileyo, engqukruleka ngezibi zona izingqala. Wona amapolisa akhuza akalibala. Indlela ayemjonge ngayo uHlobo yayicacisa ukuba akakholelwa ncam yinto ayithethayo. Kodwa athi akumjonga lo soka-dala womcuphi, afika kumntu ongavelisanga nelinye izinyo. Wayezulazula endlwini elinde ukudamba kwaloo ngxolo yezikhalo zababanjiwego. Kwathi zekucace emapoliseni ukuba ngokwenene akaqhuli uHlobo, afunda ulusu lwabo babetyholwa. Babebibithea, abanye bemhunyhamhunyheka bejunge phantsi.

Uthe uHlobo akuqonda ukuba zithothile izikhalo nomothuko, wabhekisa kumabanjwa akhe: “Phikani ukuba niyatoholwa!”

Cwaka.

UHlobo uthe guququ kumapolisa angoogxa bakhe ngelithi, “Mhlawumbi nina bantu bangazinto niya kuthi zenikholelwe kweli phupha ndililawulayo, nive into ethethwa kulo mshini ndiwuphetheyo.”

Utsho equbula laa tape recorder. Uyichukumise apha naphaya, wabuya wathi, “ Phulaphulani ke.”

Cwaka endlwini.

“Linda sitandwa sam,” uqalile ukuthetha umshini: “Ngu-Eddie lo uthethayo. Ndifuna ukukuxelela ukuba komnye wemisonto yale tape recorder kukho incoko eyayiphakathi kwam nezihlobo zam zaseMoonglow-

- |       |  |     |
|-------|--|-----|
| 2.2.1 | Ezi zihlobo kuthethwa ngazo apha ngasentla zazisazana phi noEddie?   | (1) |
| 2.2.2 | Njengokuba uEddie sekusithiwa ngumfi, kwenzeke ntoni?  | (1) |
| 2.2.3 | Phambi kokuba kufumanekе ababulali abakwisicatshulwa kwakurhanelwa bani?   | (1) |
| 2.2.4 | “Kuqale kwatsho isikhalo sikaThembisa, angenelela amadoda amphahlileyo” Yintoni eyayibangela ukuba uThembisa asitsho esofelwego? | (2) |
| 2.2.5 | Chonga amazwi kwisicatshulwa athetha ngemo yomtshato kuHlobo.  | (1) |
| 2.2.6 | Nika igama lomntu ekuthiwa wangena ezihangwini zikaEddie.  | (1) |
| 2.2.7 | Libe sisigqebelo njani igalelo leMoonglow kubahlali baseZiphunzana?  | (1) |

- 2.2.8 (a) Xela udidi lwempixano eyayiphakathi kuka Eddie namalungu aseMoonglow. (1)
- (b) Le mpixano uyixe le kuMbuzo 2.1.5(a) ibenafuthe lini apha ebalini? (2)
- 2.2.9 Chaza umxholo wencoko ka Eddie no Thembisa owafumaneka kumshini wokushicilela. (2)
- 2.2.10 Inxaxheba ka Thembisa apha encwadini ibaveza njani abantu abangomama? (2)
- 2.2.11 Ukuvela kobungqina kumashini kubenefuthe elinjani apha ebalini? (2)  
[17]

**AMANQAKU EWONKE: 35**

**OKANYE**

### **UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

#### **UMONWABISI: ZAMA A. JAPHTA**

#### **ISICATSHULWA A**

3.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Kwilali yaseNtshiqo kwisithili sakuTsolo kwakukho ivenkile enkulu kunene. Ngesakhiwo nokuma kwayo, ithe qelele kwimizi yelali leyo yaseNtshiqo inxuse ihlathi lokutyalwa, yayicaca ukuba yayikhe yayeyomlungu ngaphambili. Ngoku yayisele yonganyelwe sisihandiba somfo owayebizwa ngokuba nguThandabathu. Wayengumfo wakwaSihlunu uRhadebe, osinqe sikwalapho kuTsolo. Igama likaThandabantu yayingelogama alithiywe kokwabo, walithiywa ngabantu balapho eNtshiqo kune neelali ezimelene nayo, ngenxa yobubele nobuntu bakhe. Eli gama lalimfanele lidume kangangokuba lalisaziwa kuzo zonke ezo lali zakuTsolo ukuya kuma ngedolophu leyo.

Bonke babelilisela ngevenkile yakwaThandabantu, ingulowo efuna obo bubele nenkathalo yakhe. Kuloo venkile yakhe kwakusoloko kuphithizela, ingabasebenzayo nabaze kuthenga bexutywe ngabahamba nje, kuba kaloku uRhadebe lo wayephume izinwe ngobubele. Xa kutyiwa kwaThandabantu kwakuphuma izitya eziliqela zisiya evenkileni ngaphambili, kwelo qela likhoyo ngelo xesha kuphakwe ngalo. Abantu abadala nabangaphilanga abamkela imali yembonelelo kaRhulumente babeyamkelela apha kwaThandabantu. Ngeemini zale mbonelelo kwakuzala apha evenkileni kuthi dwedwelele kunge kusenkundleni komkhulu. Wawungababona abasebenzi bakhe beququzelap phakathi kwezo zihlwele behambisa iziphungo kuloo maxhego namaxhegokazi atsha lilanga elinde ukufika kwemoto kaRhulumente. Maxa wambi uThandabantu wayebakhela intente ukuze ibakhusele elangeni, emvuleni okanye engqeleni.

- 3.1.1 Nika igama Ievenkile ekuthethwa ngayo kwisicatshulwa. (1)
- 3.1.2 Ngubani elona gama lalo mntu umchaze kuMbuzo 3.1.1? (1)
- 3.1.3 Sasiyintoni isizathu sokuba le venkile ithiywe ngegama olinike kuMbuzo 3.1.1? (2)
- 3.1.4 Chonga kwisicatshulwa igama elibonakalisa ukuba ivenkile yakwaThandabantu yayikwindawo enehlathi elingelilo elemveli. (1)
- 3.1.5 Ivenkile yakwaThandabantu yndlala indima enkulu kubantu baseNtshiqo! Kunjalo okanye Akunjalo? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 3.1.6 Isimo sentlalo kwilali yakuNtshiqo sibenefuthe elinjani apha encwadini? (2)
- 3.1.7 Isihloko sale ncwadi sinxulumana njani noThandabantu? (2)

- 3.1.8 Yahluka njani ivenkile esezilalini kwivenkile esedolophini? (2)
- 3.1.9 Abantwana ekungasokolwayo kumakwabo bayathanda ukungabukhathaleli ubomi. Yinyani okanye Luluvo? Xhasa impendulo yakho ucaphula ebalini (2)
- 3.1.10 “UThandabantu wayephume izinwe ngobubele”.  
(a) Nika udidi Iwesafobe esifumaneka kulo mqolo ungentla (1)  
(b) Ithini intsingiselo yesi safobe usinike ku Mbuzo 3.1.10 (a) (1)
- 3.1.11 Esi sicatshulwa sibonisa eliphi inqanaba lencwadi? (1)

[18]

## ISICATSHULWA B

3.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Zafika iintombi zikaRadebe zaqukeza apho phakathi kwekhaya zilicoca ukulungiselela ukubuya kukayise, zathi ziphande ezintyantyambeni zabe zikhupha ileli zipeyinta loo madonga ayecaca ukuba agqityelwa kudala ukukhe apeyintwe. Zalitsho ikhaya elo labengezelu kukucoceka lafana nangoko abanini balo babesenawo loo mandla okulihoya. Abazukulwana ke babedlala bebaleka beliqqiba ngethutyana ukujikeleza bevuyela ukufumana ezo ndawo zivulekileyo zokudlala. Kwakukokokuqala befika apho kowabo. Yena uMonwabisi wayesoloko exakekile engulo somashishini osoloko efunwa ngapha nangapha, ingabantu abacela uncedo kuye, okanye abanye oosomashishini abafuna ukuba anxulumane nabo kwizinto abafuna ukuziqala. Njengoko yayilixesa lokubuyela koosomashishini bangaphandle eMzantsi Afrika ababemnke ngexesha localu-calulo, bafuna amacebiso ngokuqhuba awabo amashishini kwabo balapho eMzantsi Afrika. Namathuba okungenelela kulawo aye nenqubela amashishini avuleleka kwabaNtsundu. Babehamba iintlanganiso zokubafundisa ngeyona ndlela iyiyo ooMonwabisi besandisa olwabo ulwazi.

Waphuma uThandabantu esibhedlele emva kweenyanga ezilithoba ehleli apho. UMonwabisi waya kubalanda apho eMonti, sele uRhadebe ehamba nzima enikwe isitulo samavili apho esibhedlele noxa yena wayengasifuni kuba esithi akasiso isiqhwala. Kodwa noxa esitsho njalo nje icala lakhe lasekhohlo lalingasasebenzi kufuneka abanjwe okanye ahambe ngomsimelelo.

- 3.2.1 Nika igama lomntwana abe Mnye kubantwana bakaRhadebe ? (1)
- 3.2.2 Wayevela phi utata wezi ntombi zazicoca ikhaya? (1)
- 3.2.3 Nika igama lesiXhosa elingabolekwanga kolunye ulwimi legama elikrwelelwe umgca ngaphantsi (1)
- 3.2.4 Babenxulumene njani uThandabantu kunye noMonwabisi? (2)
- 3.2.5 Yintoni ebalulekileyo ebomini bukaMonwabisi athe wayenzelwa nguThandabantu? (1)
- 3.2.6 Umxholo weli bali uye wayiphuhlisa njani intsingiselo yale ncwadi? (2)
- 3.2.7 Impixano eyayiphakathi kukaMonwabisi noMamTolo ibenefuthe elinjani kubomi bukaMonwabisi? (2)
- 3.2.8 Ibe sisigqebelo njani intiyo kamamTolo kuMonwabisi? (2)

- 3.2.9 Wawuyintoni unobangela wokuhla komgangatho weshishini likaThandabantu? (2)
- 3.2.10 Impumelelo isentaben! Nggina eli binzana ngokuthi ungqiyame kwiziganeko ezithe zehla ebalini. (2)
- 3.2.11 Wayegula yintoni uThandabantu? (1)

[17]

**AMANQAKU ECANDELO A: 35****OKANYE**

**ICANDELO B: IDRAMA****PHENDULA UMBUZO UBE MNYE KWELI CANDELO****NDIYEKENI – D.M. Jongilanga/****INZALA YAMARHAMBA: Madoda Mlokoti****UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)****ISICATSHULWA A**

4.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo.

*(Sibona uMaziko isandla sikaMawonga Loni singena emzini kaMadala wekomiti yesikolo.)*

- |          |   |
|----------|---|
| Maziko : | Kamnandi.   |
| Madala : | Heke titshala. Seluzithabathela isitulo eso, akukho bantwana apha. Isaphila inkosi yakho?   |
| Maziko : | Iyaphila ingaphili noko.  |
| Madala : | Uthini na mfo kaMaziko?   |
| Maziko : | Ndikuxelela inyaniso. Akusekho mntu tu. Ndilapha nje yiloo nto kanye.   |
| Madala : | Eyiphi mfo wam?   |
| Maziko : | Awu! Wenzani kaloku bawo? Ndathi ndisandlala umcimbi wathanda ukundinquphela?   |
| Madala : | Hayi mfo wam andinqupheli, ndingagabangxi, intokunayo ngekuba ndithi zalela elubala.  |
| Maziko : | Sekumasuku bawo ndihambela lo mcimbi kweli khaya.   |
| Madala : | Owuphi kanene? Makhe sikhumbuzane kuba zininzi, zaye azilali mbethe.  |
| Maziko : | Kudala bawo ndikuxelela ngoLoni ochitha isikolo. Phofu nditsho kuba inguwe. Lo mfo wayeka ukusebenza, yonke into isemagxeni kum. Ndingxamele ukusindasindana kungoku nje. |
| Madala : | Ke lilonke uthi mandithini?   |
| Maziko : | <u>Mboneleni icebo uLoni.</u> Andinakwenza umdovu womsebenzi ndingamkeli ngawo.   |
| Madala : | Ucebisa ukuba senze ntoni ke wena titshala?   |
| Maziko : | Awu! Uya kuthini kaloku bawo ukuzenza ibhenqa ulizingela. Ndize kukuvusa njengelungu lekomiti, nalungu lekomiti usihlalo.   |
| Madala : | Kaloku titshala kufuneka xa undulula umcimbi uqiniseke ngawo. Andimntu uthanda <b>ukubamba intulo ngomsila.</b>   |

- 4.1.1 Ezi zithethi zibini zazithetha ziphi? (1)
- 4.1.2 Ngokwalapha encwadini uMadala wayebambe esiphi isikhundla? (1)
- 4.1.3 Chonga ibinzana elichaza umsebenzi kaMaziko. (1)
- 4.1.4 Ingaba wayezokufuna ntoni uMaziko kuMadala? (1)
- 4.1.5 Igalelo likaMaziko libe nefuthe elinjani emsebenzini? (2)
- 4.1.6 Isivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi sikuchazela ntoni ngoMaziko? (2)
- 4.1.7 Izenzo zikaMadala kanye noMaziko zizalana njani ngokwendima abayidlalayo apha ebalini? (2)
- 4.1.8 Isisigqebelo njani inxaxheba kaMadala apha ebalini? (2)
- 4.1.9 (a) Xela udidi lwesafobe olufumaneka kwibinzana elibhalwe ngqindilili. (1)  
 (b) Nika intsingiselo yeli binzana libhalwe ngqindilili. (1)
- 4.1.10 likomiti ezilawula izikolo ziba ngunozala wombhodamo owenzeka ezikolweni. Ngqina okanye uchase le ncamango ngokuthi uxhase impendulo yakho ngemizekelo. (2)
- 4.1.11 Ukuba ubunokuba yinqununu yaseNobutho, wawunokuzisombulula njani iingxaki ezikhoyo kwesi sikolo? (2)

[18]

**ISICATSHULWA B**

4.2 Funda isicatshulwa esingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Ndila	:	Unyanisile mtshana ngamanyangaza asahleliyo ngeli xesha. ( <i>Zabekwa izitya bayo ngeendawo zabo zokulala. Wakhulula uZanele wanxiba ezolala. Uthe xa ambula ingubo unyawo Iwakhe Iwakhube ka kwinto ephantsi kwebhedi. Wakroba wasitsho isikhalo. Wangena ebaleka uFuneka noNdila.</i> )
Funeka	:	Yintoni Zanele?
Zanele	:	Yhu! Nanku mntu phaya. ( <i>Esalatha</i> )
Ndila	:	Mfondini phuma apho. ( <i>Cwaka</i> )
Ndila	:	Ufuna side sikurhole? ( <i>Cwaka</i> )
Funeka	:	Suka akukho mntu apho. ( <i>Watsho esiya</i> )
Zanele	:	Uzulumke. ( <i>Esoyika</i> )
Funeka	:	Ekrobile: Tyhinile! NguMawonga ulele.
Ndila	:	Mtsaleni. Unxilile lowo. ( <i>Bamtsala weza wonke.</i> )
Funeka	:	Yhu! Nkosiyan, akusekho mntu apha.
Zanele	:	O Lord! ( <i>Bondela bonke bephathaphatha</i> )
Ndila	:	Ubulewe yintoni?
Funeka	:	Ngubani owaziyo?
Zanele	:	Ungene njani besivalile nje? ( <i>Bagqogqa amagumbi bekhangela, bancama</i> )
Zanele	:	Makubizwe amapolisa.
Funeka	:	Hayi khona! Lityala eli. Akukho mapolisa aya kukholelwa kwibali lokuba sifike lo mntu efele apha. Thethani man, kuyasa. ( <i>Esitsho ethe phatsha</i> )
Ndila	:	Lithini icebo? Siya kuba ngathi sithetha intsomi ngoku iyinyaniso.
Zanele	:	Siya kuthi ungene ngefestile.
Funeka	:	Icebo linye makalahlw apha emfuleni ngoku.
Ndila	:	Sabhaqwa siya kuthini?
Funeka	:	Siza kuhlala nesidumbu imini yonke? Ukuba sibhaqiwe besiya ubhaqwa nanini na. Yekani ukucikoza bambani ngapha sihambe naye, nithetha gqitha. ( <i>Sikhutshwe saya kulahlwa emfuleni isidumbu</i> )

- 4.2.1 Zazincokola ngeliphi ixesha ezi zithethi zincokola kwesi sicutshulwa? (1)
- 4.2.2 Zazivela kweyiphi indawo ezi zithethi? (1)
- 4.2.3 Yintoni eyabangela uZanele asitsho isikhalo? (2)
- 4.2.4 Cacisa ukuba kutheni uNdila xa ebiza uZanele esithi 'Mtshana'? (2)
- 4.2.5 Ingaba ubuhlobo obabuphakathi kukaZanele, Ndila noFuneka , yayibobenene. EWE okanye HAYI? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 4.2.6 Obu buhlobo buphakathi kukaFuneka,uZanele noNdila busichazela ntoni ngesimo sentlalo kule ncwadi? (2)
- 4.2.7 Yintoni le umbhali wale ncwadi abelana ngayo nabafundi kweli bali? (2)
- 4.2.8 Njengokuba uNdila neqela lakhe bengayazi ukuba uMawonga ufe njani na, wena mfundi ubunokuphendula uthini ukuba ubunokubuzwa? (1)
- 4.2.9 Ingaba uphumelele umbhali wale ncwadi ukusizobela umlinganiswa onguFuneka? (2)
- 4.2.10 Esi sivakalisi singezantsi sibonisa oluphi udidi lwempixano? Xhasa impendulo yakho.  
“Makubizwe amapolisa” (2)

[17]

**AMANQAKU EWONKE: 35****OKANYE**

## UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### INZALA YAMARHAMBA: Madoda Mlokoti

5.1 Funda isicatshulwa esingeantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

#### ISICATSHULWA A

*Kukwa Thambolenyoka edolophini eNgcobo, ihotele yakhe yakhiwe yanegumbi elikhulu elingaphambili nekuselwa kulo ngabatyeleli.*

*Ngemva kukho elinye igumbi elikhulu elinezitulo ezitofotofo elisetyenziselwa iindwendwe, kukho namanye amagumbi amabini elinye lisetyenziswe njenge-ofisi, elinye uThambolenyoka alisebenzise njengelokulala ngamaxesha athile.*

*Namhlanje uThambolenyoka ubambe intlanganiso nabafazana abahlanu abamsebenzelayo uNomhase, uNoyongo, uKuku uNozigoci noNozici.*

- |              |   |   |
|--------------|---|---|
| <b>Nyoka</b> | : | ( <i>Echophe esitulweni, ngaphaya kwetafile yakhe ye-ofisi</i> )<br>Bhotani mananekazi!   |
| <b>Bonke</b> | : | ( <i>Bethe zukuva ezisofeni ezigudle udonga</i> ) Molo Mlungu.  |
| <b>Nyoka</b> | : | Ndiyabulela nonke niphilile. Akunjalo?  |
| <b>Bonke</b> | : | Hayi siphilile Mlungu.  |
| <b>Nyoka</b> | : | Jongani zinzwakazi, kufuneka kusetyenzwe mpela ngoku. Singena kuDisemba kaloku. Siyavana?   |
| <b>Bonke</b> | : | Siyakuva Mlungu.  |
| <b>Nyoka</b> | : | NguDisemba ngoku, ayabuya amajoyini, umsebenzi kufuneka ubonakale. Andizokubakho yonke le veki ndizakuba seMthatha. Niyandiva?  |
| <b>Bonke</b> | : | Ewe siyakuva Mlungu.  |
| <b>Nyoka</b> | : | Kuyasetyenzwa phaya, laa manenekazi awahlelanga phezu kwezinqe zawo phaya, ayanyakaza. Niyandiva?<br>( <i>Aphakame esitulweni akhwexe ibhulukhwe ajikele aze kuchopha phezu kwetafile ejonge kubo. Ethetha nangezandlana</i> ). |
| <b>Bonke</b> | : | Siyakuva Mlungu.  |
| <b>Nyoka</b> | : | Kulungile, nani kweli cala sebenzani, sukumani, mandithi ndibuya kule veki izayo kube kucaca.   |
| <b>Bonke</b> | : | Siyakuva Mlungu.  |
| <b>Nyoka</b> | : | Kulungile ke, andifuni kuva enye into ukubuya kwam . Into esiyenzayo sakha ubutyebi apha. Ubutyebi bakhiwa ngendlela ngendlela. Eyethu yile.  |
| <b>Bonke</b> | : | ( <i>Bendwanyile, buxakwa</i> )- Siyakuva Mlungu.   |

- 5.1.1 Nika igama ledolophu ewayehlala kuyo uThambolenyoka. (1)
- 5.1.2 Wawuyintoni umsebenzi kaThambolenyoka? (1)
- 5.1.3 Chaza ukuba kwakusenzeka ntoni kwesi sicutshulwa singentla? (2)
- 5.1.4 Chonga isivakalisi esibonakalisa ukuba abaqeshwa bakaThambolenyoka babemhloniphile. (1)
- 5.1.5 Ngowuphi lo msebenzi kuthethwa ngawo apha kwesi sicutshulwa singentla? (2)
- 5.1.6 Ingaba elibinzana lingezantsi lithetha ukuthini :  
“Laa manenekazi awahlelanga phezu kwezinqe phaya” (2)
- 5.1.7 (a) Yakha iqhalo ngegama lomlinganiswa onguThambolenyoka. (2)
- (b) Nika intsingiselo yeli qhalo ulichaze ku Mbuzo 5.1.7(a) apha ngentla. (1)
- 5.1.8 Ingaba umbhali uphumelele na ngokusizobela umlinganiswa onguThambolenyoka? Ngqina ucaphula imizekelo ebalini. (2)
- 5.1.9 Itekhinoloji yaseNtshona ibe nefuthe elinjani kwisiganeko esithe salandela emva kwentlanganiso ekuthethwa ngayo kwisicatshulwa? (2)
- 5.1.10 Ukuba wawunokuba ngomnye wabaqeshwa bakaThambolenyoka wawunokuqhubekeka nalo msebenzi wakwaThambolenyoka?  
Ewe okanye Hayi? Xhasa impendulo yakho (2)
- [18]

## ISICATSHULWA B

5.2 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo.

*Kusesikhululweni samapolisa kwi-ofisi kaSajini Gxalaba eNgcobo – ngaphakathi nguye nosekela wakhe uSajini Mbotolotshi noDina.*

<b>Mbotoloshi</b> :	Hayi uyinkunkqela kamakhwekhwetha womcuphi Sajini Gxalaba. Ndikothulela umnqwazi.
<b>Gxalaba</b> :	Hahaha. Hayi ungancomi mna Sajini. Oyena makhwewkhwetha nguye lo uchophe ecaleni kwakho.
<b>Mbotoloshi</b> :	Uthetha ukuthini?
<b>Gxalaba</b> :	(Ekhomba ngentloko kuDina)- Yitsho akubalisel.
<b>Mbotoloshi</b> :	Kunjalo Sajini?
<b>Dina</b> :	Nam ndingaba ndiyazigwagwisa ukuba ndingathi licebo lam Sajini. Asilocebo lam licebo likaThixo. Ngoba ukuba bendilandele elam icebo, ngeba mhlawumbi ndim ngoku okule ndawo kaThambolenyoka, ndinkolonkoloza kwesimnyama isisele.
<b>Mbotoloshi</b> :	Cacisa Sajini. Ndiyaphela kukungxama.
<b>Dina</b> :	Kaloku bendisele ndithenge nesixhobo mna Sajini. Ndiza kumbulala nya uThambolenyoka. Kwathi kanti uThixo uyabona, waliphanzisa elo cebo lam, ngokuthi eso sixhobo sam sisuke sibhaqwe ngumkhuluwa wam xa kanye ndiza kusisebenzisa wandikhalmela kabukhali ngelithi mandingathatheli umthetho ezandleni zam. Wathi kanti ngolo hlobo kuza kuvela icebo likaThixo.
<b>Mbotoloshi</b> :	Kha wude uvele Sajini. Wenza njani?
<b>Dina</b> :	Kaloku Sajini emva koko ndeza apha kuSajini Gxalaba kwangaloo mini. Sawuxubusha lo mbandela kangangoko, sa phantse sachitha iiyure ezintandathu zonke siwuphethe.
<b>Mbotoloshi</b> :	Ndiphulaphule Sajini

- 5.2.1 Ezi zithethi zithetha apha kwisicatshulwa zazithetha ziphi? (1)
- 5.2.2 Ingaba zazincokola ngantoni ezi zithethi zithetha kwisicatshulwa? (1)
- 5.2.3 Wawuyintoni umsebenzi wezi zithethi uzichaze kuMbuzo 5.2.2? (1)
- 5.2.4 Cacisa indlela eyathi yakhokhelela ekubanjweni kukaThambolenyoka? (2)

- 5.2.5 Umsebenzi owawusenziwa ngala mantombazana usivezela ntoni ngesimo sentlalo esilapha encwadini? (2)
- 5.2.6 Kusisigqebelo njani ukuvela kukaNozigoci noNozici sele bengamangqina enkundla kweli bali? (2)
- 5.2.7 Sinxulumana njani isiphelo sikaThambolenyoka nomxholo wale ncwadi? (2)
- 5.2.8 UDina wayesoloko enxiba impahla emnyama:  
Ingaba impahla emnyama ingumqondiso wantoni kuluntu oluntsundu? (2)
- 5.2.9 Saba njani isiphelo sikaThambolenyoka? Cacisa impendulo yakho. (2)
- 5.2.10 Umbhali usifundise ntoni ngesimo sikaThambolenyoka apha ebalini? (2)
- [17]**

**AMANQAKU ECANDELO B:** **35**

**OKANYE**

**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE****NDAKUYICELA IVUTHIWE – L.L. NGEWU noE. Z. GUQA****UMBUZO 6 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)****“IKHIKHIZELA LASEDANGWANA”: L.L.NGEWU****ISICATSHULWA A**

6.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

Umhlolokazi ongunina ukhe wahlala ethembeni lokuzikhola ngelethi unyana wakhe wolahleko unokuba umke nezihlobo zeli khaya ebezihlala eHlwahlwathi. Unina akasukelanga phezulu ukukhangela le nkewu kuba engafuni ukuba atshuntuze esithuben esazilele umyeni wakhe. Ziqengqelekile iinyanga ebambelele kwinto yokuba izizalwana zimgcinile umntwana ngeenjongo zokumkotha amanxeba kwintlungu yokulahlekelwa nguyise. Ukhe wathumela kwizihlobo ebuzisa ngonyana wakhe, koko akwabikho mkhondo.

Emva kweminyaka elishumi uMaMchumane elilolo ngokulahlekelwa yindoda yakhe nokulahleka konyana wakhe ubhinqe phezulu, esihle enyuka, ehamb'ebhulisa, efun'isizekabani seli shwangusha. Ukhe wahlal'eHlankomo emzini kaSiyazi owaziwayo ngokuhlab'umhlola. Akukho nto ayifumeneyo ebambekayo apha ngaphandle kokutsarhwa ngumhlonyane waseMarhawuleni nokuman'entlokothiswa liqothaqikili elimane ukumxelela ukuba umyeni wakhe usahleli esidl'amazimba hlathini lithile. Eyona ngxaki uMaNcoko ubefuna ukuncedwa kuyo ibingasiyiyo eyendoda yakhe eyafayo kuba wath'umhlaba emhlaben kuyo, koko nguMvemnyama imveku yakhe eyalahleka iseze ngobuso elizweni. Nakwesi sishiqi uMaMbangua ubanjiswe intlw ngentloko ngulo nqalintloko.

UMaMpafane uncabile emva kweeveki ezimbini edikwe yeyokosa efungile ukuba soze aphinde abenalunxibelelwano nasiyazi. Uphindele kwaseDangwana edangele nentliziyo yakhe idandathekile. Ngeny'imini uthe thwasu oku kanye komntu othwasayo wathambekela ngaseThwa kwisithili sakuQumbu apha bekukho mthandazeli uthile.

- |       |   |     |
|-------|---|-----|
| 6.1.1 | Nika igama lomntu ekuthiwa ngunyana wolahleko.  | (1) |
| 6.1.2 | Kwakutheni ze kuthiwe ngumhlolokazi umama kanyana wolahleko?                              | (1) |
| 6.1.3 | Zazihlala phi ezi zithethi kuthethwa ngazo apha kwisicatshulwa?                           | (1) |
| 6.1.4 | Sesiphi esinye isiganeko esithe sehlela uMaNcoko esikhankanywe kwisicatshulwa esingentla? | (1) |
| 6.1.5 | Unyana wolahleko wasiyeka kweliphi ibanga isikolo?  | (1) |
| 6.1.6 | Chonga igama elichaza ukuba unina wonyana wolahleko wayesoloko ehleli yedwa?              | (1) |

- 6.1.7 Wenza ntoni umama wonyana wolahleko akuba sengxakini ngokwalapha ebalini? (2)
- 6.1.8 Ucinga ukuba umntwana ozelwe yedwa kowabo uyingxaki okanye ulithamsanqa? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 6.1.9 Isenzo sikanyana wolahleko kweli bali sibonisa oluphi udidi lwempixano? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 6.1.10 Linxulumana njani igama anikwe lona unyana wolahleko nomxholo weli balana? (2)
- 6.1.11 Unina wonyana wolahleko ubenegalelo elinjani kwisimo sikanyana wakhe? (2)
- 6.1.12 Uthini umyalezo oqulathwe leli balana? (2)

**ISICATSHULWA B****"ITUTU LASETIKITIKI: L.L.NGEWU**

6.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

UThobile unyana kaMdesalini ubonakale eselula kakhulu ukuba unengqondo yemveli. Ingombolo zenkqubo yakhe kumabanga asezantsi azaziwa, kodwa ititshalakazi eyayimfundisa kwibanga lesibini nelesithathu ayimlibali umntwana owayenza le titshalakazi yakrokra ukuba ubizo lobutitshala babungalungiselewanga yona. Into ecacileyo yona kukuba uThobile wayekrelekrele, engenangqondo nje kuphela, koko enabo nobuchopho. Obu bukrelekrele bakhe uThobile babumze entloko ngendlela nje engathandekiyo kwititshalakazi ejongene nezidodo zabantwana, ababenokuqhube ngcono esikolweni xa benikwe umdongwe endaweni yephepha lokubhala. Mhlawumbi obu bukrelekrele babungebodwa kuba uThobile ube nesimbo sokuthatha into zabanye abantu ngendlela nje eyothusayo enokwenza omnye umntu amtyabeke ngobututu.

Unyana kaMdesalini ubelihashe eliphalayo nelingakwaziyo ukunyamezela ititshalakazi ephindaphindana nento enye. Ititshalakazi yebanga lesibini ibivakala yonk'inkimihla ngemini yesikolo ikhwaza isithi, "*Class I am going to the door* " *What am I doing class?*" Bebehlokoma abantwana kungeko kungqinelana ukuba kwenzeka ntoni kanye. Uninzi lwabo belusitsho kamnandi luthi, "*I am going thu di dho*". Izinto ezifana nale uThobile ebengakwazi ukuzinyamezela. Bekuthi phambi kokuba singene isikolo, le nkewu ingenise isikolo sokudlala. Ibizenza zonke izimbo zetitshalakazi yebanga lesibini. Unkabi ubebaqequesha aba bafundi bakhe bexeshana ukuba bangathi, going to the door' koko bathi, gowin thu di dho'.

- 6.2.1 Yayingubani elona gama lomntu elithiywe ngaye eli balana? (1)
- 6.2.2 Chaza ingxaki awayekuyo lo mlinganiswa umchaze kuMbuzo 6.2.1. (1)
- 6.2.3 Unyana kaMdesalini notitshala babeyinyoka ne ... (Gqibezele) (1)
- 6.2.4 Yayisesamabanga angakanani isikolo awayefunda kuso unyana kaMdesalini? (1)
- 6.2.5 Chonga isivakalisi esibonakalisa ukuba unyana kaMdesalini wayebukhali ezincwadini. (1)
- 6.2.6 Wayemenza ntoni utitshalakazi unyana kaMdesalini xa aphazamisa iklasi yakhe? (1)

- 6.2.7 Ingaba le mpendulo uyinike kuMbuzo 6.2.6, ivumelekile na kula maxesha enkululeko. Ewe okanye Hayi? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 6.2.8 Sasibangwa yintoni isimo sikanyana kaMdesalini? (2)
- 6.2.9 Wenza ntoni uMdesalini wakuxelelwa ngengxaki anazo unyana wakhe esikolweni? (2)
- 6.2.10 Ukuba wawunokufunda nonyana kaMdesalini wawunokucebisa uthini kule ngxaki wayenayo? (2)
- 6.2.11 Landelelanisa iziganeko zibe ZIBINI awazenzayo unyana kaMdesalini, ukumnka kwakhe kwisikolo awayefunda kuso ibanga lesibini? (2)
- 6.2.12 Nika iqhalo elibonakalisa ukuba unyana kaMdesalini wayengafani nabazali bakhe. (1)
- [17]

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

**OKANYE**

**ICANDELO D: IMIBONGO****VUKANI MADODA – A. STEMELE**

**Phendula Umbuzo ube mNYE kweliCANDELO.**

**UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

7.1 Funda lo mbongo ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**Funzela enzulwini: Mema S.S.M**

1. Lishushu idabi kumathaf'obu bomi;
2. Kuqhum'amaqulo kuchachamb'umchiza;
3. Uxhab'ufohlel'umlisela nomthnjana,
4. Usilwa noSathana,usilwa nobumnyama.
5. Ayaxhaxh'amagwala, kuband'umchachazo.
6. Ubomi ngumzamo kosind'amakroti;
7. Ubomi ngumthwalo bufuna umqolo;
8. Umgomo umi ulind'umzingisi.
9. Ubomi lidabi lokulwa nomna;
10. Iyathimbis'inyama ayifuni kuthotyozwa,
11. Aying'ingaba lidini lokuzis'impumelelo
12. Aying'ingalinda ijonge inzaliseko.
13. Qina isibindi ukuze uphumelele.
14. Qu'luphethel'imini nobusuku bayo.
15. Qhekeza imichankcatho owele ngayo,
16. Ufunzel'enzulwini ungabuyi mva.
17. Mawuqaqambe umgomo phambi kwakho,
18. Uziqhiz'imbophelelo ezikuqamangaleyo,
19. Uyibeke nxamny'imithwalo ekudobeelayo;
20. Ulubaleke ngomonde ugqats'olukumeleyo
21. Wofuman'abaninzi begqengq'elungqamekweni
22. Wofuman'iqela ligxamfuz'emgxobhozweni,
23. Onke loo maqela akukhwebela kuwo;
24. Maz'ungawahoyi ufunzele enzulwini.
25. Ofun'igolide akaqhwayi emgqubeni,
26. Axel'isikhukukazi sifun'umbungu.
27. Ozingela izilo uthabatha izagweba,
28. Avuke kwangonyezi abuye nofele.
29. Oswele umgomo ufana nemfama,
30. Uyaphumputheka akhubeke awe;
31. Abe ngumqobo kwabahamba ngendlela,
32. Kulahleke naye inkitha yezimathi.

33. Qubul'isikrweqe ulw'ubengagazana,  
 34. Ubomi ngumgudu, wovuzwa wakubila;  
 35. Umhlab'uyahlaba awufuni nkenenkene.  
 36. Amandl'oba ngawakho wakufunz'elenzulwimi.
37. Indlela ilucinya yaye ingumnqantsa;  
 38. Ifunyanwa ngamachule iint'eziwa ngamadolo,  
 39. Zicelle amandla kuMenzi wento zonke.  
 40. Ongecalalakhe wofikelela enzulwini

- 7.1.1 Ibhekisa kwabaphi abantu imbongi, kumhlathi wokuqala? (1)
- 7.1.2 Loluphi udidi lwesafobe olufumaneka kumqolo wesithathu? (1)
- 7.1.3 Kutheni kumqolo wesithathu imbongi idibanisa uSathana nobumnyama nje? (2)
- 7.1.4 Cacisa umahluko phakathi kwegwala nekroti. (2)
- 7.1.5 (a) Yakha iqhalo ngegama elithi 'umzingisi' elifumaneka kumqolo we-9. (1)
- (b) Nika intsingiselo yeqhalo olinike apha ngentla kuMbuzo 7.1.5 (a). (1)
- 7.1.6 Ingaba ucinga ukuba kutheni imbongi ikhethe ukuba mayinike lo mbongo? (2)
- 7.1.7 Nika intsingiselo yomqolo wama-28. (2)
- 7.1.8 Chonga embongweni igama elibonakalisa ukuba ubomi bunzima. (1)
- 7.1.9 Vakalelo luni olubonakaliswa yimbongi kulo mbongo? (1)
- 7.1.10 Xa ufunda lo mbongo ungakwazi ukuthi imbongi lithandazwe. Ewe okanye Hayi? Xhasa impendulo yakho (2)
- 7.1.11 Kulo mbongo, imbongi inobuThixo: Ngqina oku ubonise ngemizekelo oyicaphule embongweni. (2)

[18]

## UMBUZO 7.2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### Inkonjane- Sigonya. V.V.

Funda lombongo ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo.

#### Inkonjane: Sigonya.V.V

1. Ndayibon'indand'ipheph'okwengelosi.
2. Ndayibanga ngeliso ndathi yeyam.
3. Mpiko zayo zaphendlwa-phendlwa;
4. Ngumoy'ongephi zityhil'ubumbeje-mbeje.
5. Ndayibonga ndaggiba ngentliziyo
6. Ndafihl'izikhwazo ndisoyik'uluntu
7. Yandimemez'ibik'udaba.
8. Yavakali intlontl'ingqay'ubomi bam.
9. Wavakal'umoya wentumekelalo.
10. Zagungq'iingcango zentliziyo.
11. Lwabeth'uvalo lundityel'uba yeyam.
12. Umoya wembala nawo wandingqinela.
13. Ndayondela; ndayijonga; ndayiphonononga;
14. Ndafik'iyimfezek'ingqibelelo.
15. Yayizotywe ngenene ngemini yehlobo.
16. Yabuthabatha bonk'ubume bam.
17. Ndalamu ndakondela eso sihlwitha.
18. Ndadandatheka ndakubon'eso sifuba.
19. Ndawubon'umandalalo wenzala yam umntyinga-ntytingana.
20. Isisila sona sixhentsa mva.
21. Luqhotyoshwe kweso sithuba ke olu lwimi.
22. Ndithetha ndaggiba kodwa hayi intlokomo.
23. Ndazibona ndindodwa ndisemehlw'en'oluntu.
24. Ndanyalasa; ndingqola-ngqola; ndibheshuza;
25. Ngomphefumlo ndingaboni mntu.
26. Manqina mani na la andicaf'umphefumlo?
27. Nzipho zini na ezi zindikrwemp'ulonwabo?
28. Ncumo luni na olu lukuwe ntaka ndini?
29. Mdiki mni lo ulele kwezo nzipho?
30. Ntaka ndini yezulu;
31. Ngeba wena uyinzulu;
32. Ngoba wena unyulu.

7.2.1 Khetha ibe NYE kwezi zilandelayo: Isafobe u “Okwengelosi” sisi ...

- (a) Sisimntwiso
- (b) Sisichasaniso
- (c) Sisikweko
- (d) Sisifaniso

(1)

- 7.2.2 Ngowuphi umfanekiso ngqondweni ofumaneka kumqolo- 4? (1)
- 7.2.3 Chonga umqolo kwisitanza sokuqala obonakalisa ukuthabatheka kwembongi. (1)
- 7.2.4 Nika ulwakhwiwo Iwangaphandle olufumaneka kwisitanza sokuqala. (1)
- 7.2.5 Loluphi udidi lwempixano olufumaneka kwisitanza-2? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 7.2.6 Yintoni ebangele ukuba imbongi isebezinhise izithetha-ntonye kumqolo we-13? (2)
- 7.2.7 Ungathi yintoni isizathu sokuba inkonjane ifumanekene ehlotyeni kuphela? (1)
- 7.2.8 Uqulathe ntsingiselo ni umqolo we-21? (2)
- 7.2.9 Ingaba kutheni isitanza sokuqala sithwele imiqolo emininzi kunezinye izitanza? (2)
- 7.2.10 Ingcamango ethi iintaka zingumfuziselo weZulu: Luluvo okanye Yinyani. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 7.2.11 Yintoni injongo yembongi ngokusebenzisa imvano siphelo kwisitanza sokuggibela? (2)
- [17]

**AMANQAKU ECANDELO D:** **35**

### **OKANYE**

## UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### IVAMNA BAFAZI BOLUSU: Sibongile Maputi

8.1 Funda lo mbongo ungezantsi use uphendule imibuzo elandelayo.

#### INTAMBANANE: Mtumane Z

- 1 Ntinga ntakandini!
- 2 Nditsho kuwe ke ntambanane
- 3 Intak'entingel'esibhakabhakeni,
- 4 Iwujongel'ezantsi won'umhlaba
- 5 Inge ngathi iyawuhlola.
- 6 Ndikhe ndikubon'undanda,
- 7 Maxa wamb'ud'utyityimbe,
- 8 Ube ngath'uyadlisela,
- 9 Kwabo bakubukeleyo.
- 10 Zange ndayibon'intak'ekwaz'ukum'emoyeni,
- 11 Ime ndawonye yenz'amadliselo,
- 12 Kodwa mhla ndabona wena ntambanane,
- 13 Ndabona umhlola wemihlola,
- 14 Umi ndawonye esibhakabhakeni,
- 15 Uxhents'utyityimba phezulu phaya.
- 16 Wena wenz'imihlali kwabany'abantu,
- 17 Bathi besakubon'usenza le mihlola,
- 18 Bangabi nakho ukuzibamba,
- 19 Baqhwabe izandla besombelela wena,
- 20 Bade bakulinganise xa utyityimbayo,
- 21 Baxhentse kube buhlung'amaqatha,
- 22 Zingashiyeki nazo izithende,
- 23 Ngenxa yakho ntambananendini.
- 24 Kodwa uyafana nothekwane,
- 25 Nangon'umhle nje ukwambi,
- 26 Azonwabi iinkukhu nguwe,
- 27 Zisakukubona ziyadandatheka.
- 28 Ngenxa yobo bubi bakho.
- 29 Uyawaggib'amantshontsho azo,
- 30 Ungafika ebaleka,
- 31 De atyhobeke nasematyholweni,
- 32 Kuba ebone wena ntambanane.
- 33 Kaloku akunalusini kuwo
- 34 Uzifaka zeyele iinziphlo
- 35 Nakwiyukwana lentshontshwana eli,
- 36 Uhambe umke nalo,
- 37 Ukuya lee ezintabeni,
- 38 Ulenze isidlo sakho

- |    |                               |
|----|-------------------------------|
| 39 | Yiyo le nto ungemhle kakhulu, |
| 40 | Kubantu abafuye iinkukhu,     |
| 41 | Kubuyaphazamisa wena          |
| 42 | Kwimizamo yabo yokuvelisa,    |
| 43 | Batsho bahlwempuzeke ke bona  |
| 44 | Ngenxa yakho ntambananendini. |
| 45 | Sala kakuhle ntambanane       |

- 8.1.1 Khetha impendulo echanekileyo ibe NYE kwezi zingezantsi:  
Intambanane loluphi uhlobo Iwesilwanyana? (1)
- (a) Yintaka
  - (b) Sisinambuzane
  - (c) Ngumntu
- 8.1.2 Imbongi iyyalela ukuba mayenze ntoni intambanane kwistanza sokuqala? (1)
- 8.1.3 Ingaba intambanane ihlala emhlabeni okanye emthini? (1)
- 8.1.4 Kukuthini ukundanda? (1)
- 8.1.5 Le ntambanane ifana nomntu: Nggina okanye Uchase ngokucaphula impendulo yakho embongweni. (2)
- 8.1.6 Loluphi udidi Iwesafobe olufumaneka kulo mqolo ungezantsi?  
“Baxhentse kube buhlung’amaqatha” (1)
- 8.1.7 Ubuhle bentambanane bufaniswa nantoni? Chaza. (2)
- 8.1.8 Imbongi isebezise oluphi udidi Iwesafobe ukuveza amacala amabini entambanane? Iyintoni injongo yoko? (2)
- 8.1.9 linzipho ezikumqolo wama-34 zingomqondiso wantoni? (2)
- 8.1.10 Isitanza sesihlanu sibonise imeko enjani apha kulo mbongo?  
Xhasa impendulo yakho. (2)
- 8.1.11 Ucinga ukuba umbhali uqaqambise icala elinjani kumacala amabini enawo intambanane? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 8.1.12 Lo mbongo ungawubalela koluphi udidi Iwemibongo? (1)

[18]

## UMBUZO 8.2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### Indoda yokwenene: Manciya K.N

1. Indoda yokwenene yezindilel'umzi wayo.
2. Le nt'indoda ngumthandi wesizwe sayo
3. Le nt'indoda ngumhloniphi wesiqu sayo.
4. Indoda yokwenene ihlone'l'usapho lwayo,
5. De iqwele ukuthand'umfazi wayo,
6. Yenz'imihlol'ukuhlonel'inkosi yayo.
7. Ithand'isizwe nezalamane'eziyigcinayo.
8. Intl'indod'eyinkokel'ekhokel'usapho lwayo.
9. Indoda yingcongolo phezu kweziziba zezwe layo,
10. Ezimanz'anzongonzongo iinzonzobila zezwe layo.
11. Ayijwed'indoda sel'ingxang'engxangxasini;
12. Igcin'isidima owenene'umgcini lusapho lwakhe.
13. Eyenene mwethu akulopholopho lamtshulatshu.
14. Eyokwenene ayinguy'uBhabhezelokhwени, ingcathu.

- 8.2.1 Lo mbongo ubhekisa kubantu besiphi isini? (1)
- 8.2.2 Nika isafobe esifumaneka kumqolo wesibini. (1)
- 8.2.3 Igama 'indoda' lisetyenziswe kakhulu kwimiqolo emine kwisitanza sokuqala. Ingaba yintoni isizathu soko? (1)
- 8.2.4 Chaza izinto zibe NTATHU ezithandwa yindoda eyindoda. (3)
- 8.2.5 Chonga umqolo ocacisa ukuba indoda yintloko yekhaya. (1)
- 8.2.6 Imiqolo esibhozo yokuqala yahluke njani kwemithandathu yokuggibela? (2)
- 8.2.7 Ucinga ukuba kutheni inyanga yeSilimela ibalulekile kwindoda engumXhosa eMzantsi Afrika? (2)
- 8.2.8 Ingaba amadoda aseMzantsi Afrika anazo iimpawu zamadoda okwenene. Ewe okanye Hayi? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 8.2.9 Ithetha ukuthini imbongi xa isithi" asinguye uBhabhezelokhweni"? (1)
- 8.2.10 Khetha imfano zandi kulo mbongo ungentla, uze uchaze ukuba iphuhsisa ntoni kuloo mgca ikuwo? (2)
- 8.2.11 Vakalelo luni olubonakaliswa yimbongi kulo mbongo? (1)

[17]

**AMANQAKU ECANDELO D:** 35  
**AMANQAKU AMACANDELO EWONKE:** 70